Ilizwi LikaThixo Leza KuMprofethi William Marrion Branham

"UYesu Kristu NguThixo"

Ngoku sisityhilelo eso: UYesu Kristu nguThixo. UYehova weTestamente eNdala unguYesu weNtsha. Akukhathaliseki nokuba uzama nzima kangakanani na, awunakho ukubonakalisa ukuba kukho ooThixo ABATHATHU. Kodwa kwakhona kuthabatha isityhilelo ngoMoya Oyingcwele ukwenza ukuba uyiqonde inyaniso yokuba Yena Mnye. Kuthabatha isityhilelo ukuba ubone ukuba uYehova weTestamente eNdala unguYesu weNtsha. USathana wanyebelezela wangena ebandleni waze wamfamekisa abantu kulenyaniso. Baze bakuba bemfanyekisiwe kuyo, akwaba kade yade iNkonzo yaseRoma yapheza ukubhaptiza eGameni leNkosi uYesu Kristu.

Ndiyakuvuma ukuba kuthabatha isityhilelo sokwenene esivela kuMoya Oyingcwele ukuba ube nokubona inyaniso ngeNtlokobuthixo kule mihla apho siphakathi kokugqwethwa okungaka kweSibhalo. Kodwa ibandla eliyimbalasane, eloyisayo lakhelwe phezu kwesityhilelo ngoko sinokulindela ukuba uThixo ayityhile inyaniso yaKhe kuthi. Nakubeni, eneneni awuswele sityhilelo ngobhaptizo lwamanzi. Lulapho kanye lukukhangele ebusweni. Kwakunokwenzeka njani kwabaya bapostile khona ngomzuzu omnye ukuba balahlekiswe kumyalelo-ngqo weNkosi ukuba babhaptize eGameni loYise loNyana loMoya Oyingcwele baze bafunyanwe besekungaphulaphulini ngabom? Babelazi ukuba lalingubani na iGama, kwaye akukho nendawo enye eSibhalweni apho bakhe babhaptiza nangayiphi na enye indlela kungekuko eGameni leNkosi uYesu Kristu. Ingqondo yemvelo inokukuxelela ukuba iNcwadi yeZenzo ilibandla lisenza, kwaye ukuba babhaptiza ngaloo ndlela, ngoko yindlela yokubhaptiza leyo. Ngoko ukuba ucinga ukuba yimposiso leyo, ucinga ntoni ngale nto? Nabani na

owayengabhaptizwanga eGameni leNkosi uYesu Kristu kwafuneka ukuba aphinde abhaptizwe kwakhona.

lZenzo 19:1-6, "Ke kaloku kwathi, xa u-Apolo aseKorinte uPawulosi ewatyhutyhile amacala asentla, weza e-Efese; wafumana bafundi bathile, wathi kubo, uMoya Oyingcwele namamkela na, nakholwayo nje? Bathi ke bona kuye, Asizange sive nokuva ukuba kukho uMoya Oyingcwele. Wathi kubo, Nabhaptizelwa enini na phofu? Bathe ke bona, Elubhaptizweni lukaYohane. Wathi ke uPawulosi, uYohane okunene wabhaptiza ubhaptizo lwenguquko, esithi ebantwini, mabakholwe kulowo uzayo emva kwaKhe, oko kukuthi, kuKristu Yesu. Bevile ke, babhaptizwa eGameni leNkosi uYesu. Uthe ke uPawulosi akubeka izandla phezu kwabo, wehla uMoya Oyingcwele phezu kwabo, baye bethetha ngeelwimi, beprofetha." Nantso ke. Abaya bantu balungileyo e-Efese babevile ngoMesiya ozayo. UYohane wayeMshumayele. Babebhaptizelwe enguqukweni kwizono, bekhangele PHAMBILI ekukholweni kuYesu. Kodwa ngoku yayilixesha lokukhangela EMVA kuYesu kubhaptizelwe UXOLELO lwezono. Yayilixesha lokwamkela uMoya Oyingcwele. Kwathi bakubhaptizelwa eGameni leNkosi uYesu Kristu, uPawulosi wabeka izandla phezu kwabo waze uMoya Oyingcwele wehla phezu kwabo.

Owu, abo bafo bathandekayo e-Efese babengabantu abalungileyo; kwaye ukuba ubani wayenelungelo lokuziva ethetheleleka, babenjalo. Qaphela ubude bendlela ababeyihambile. Benyuka yonke loo ndlela ukuza ekwamkeleni uMesiya. BabeMlungele. Kodwa awuboni ukuba endaweni yoko babeMphosile? Wayesefikile wabe Wemka. Kwakufuneka bebhaptizwe eGameni leNkosi uYesu Kristu. Kwakufuneka bezaliswe nguMoya Oyingcwele.

Ukuba sowubhaptiziwe eGameni leNkosi uYesu Kristu, uThixo uyakukuzalisa ngoMoya waKhe. LiLizwi elo. lzenzo 19:6 apho sifunde khona yayikukuzaliseka kweZenzo 2:38, "Guqukani nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni lkaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya

Oyingcwele." Yabona, uPawulosi, ngoMoya Oyingcwele, wathetha kanye okwathethwa nguPetrosi ngoMoya Oyingcwele. Yaye oko kwathethwayo AKUNAKO ukuguqulwa. Kunyanzelekile ukuba ibe yinto enye ukusuka kwiPentekoste kude kube nowokugqibela onyuliweyo ubhaptiziwe. KuMagalati 1:8, "Ke, nokokuba sisuke thina aba, nokokuba sisuke isithunywa sasemazulwini sanishumayeza iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezo sanishumayezayo, masisingelwe phantsi."

Ngoku abanye kuni bantu benkolo yoBunye babhaptiza ngokuphosakeleyo. Nibhaptizela uzalo olutsha ngokungathi ukuntywiliselwa emanzini kwanisindisa. Uzalo olutsha aluzi ngamanzi; lungumsebenzi kaMoya. Indoda eyathi ngoMoya Oyingcwele yanikela lo myalelo, "Guqukani nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni leNkosi uYesu Kristu," ayizange ithi amanzi azala ngokutsha. Yathi nje kuphela kububungqina be "sazela esilungileyo kuThixo." Kwaba kuphela ke. 1 Petrosi 3:21, "Olusisindisayo ngawo nathi ngoku ubhaptizo ngokomfuziselo, (olungekuko ukulahla ubunyhukunyhuku benyama, olukukubuzisa kwesazela esilungileyo kuThixo,) ngokuvuka kukaYesu Kristu." Ndiyayikholwa.

Ukuba nabani na unambono zithile zingenabunyaniso zokuba ezembali zingabonisa ubhaptizo lwamanzi nangayiphi na enye indlela kungekuko eGameni leNkosi uYesu Kristu, ndingakucebisa ukuba ufunde ezembali uzifumanele ngokwakho. Oku kulandelayo yinkcazo eyinyaniso yoBhaptizo olwenzeka eRoma, ngo A.D. 100, lwaze lwashicilelwa kwiphephancwadi iTIME lika Disemba ngowesi-5, ngowe-1955. "Umdikoni waphakamisa isandla sakhe, waze uPublius Decius wangena kumnyango wendawo yokubhaptizela. Kwakumi emanzini phakathi equleni uMarcas Vasca umthengisi weenkuni emele esinqeni. Wayencumile logama uPublius ewela engena equleni ecaleni kwakhe. 'Credis?' wabuza. 'Credo', waphendula uPublius. 'Ndiyakholwa ukuba usindiso lwam luvela kuYesu Kristu, Owabethelelwa phantsi koPontiyos Pilato. Ndifa kunye naYe ukuze ndibe nokuba noBomi obuNgunaphakade kunye naYe.' Waze waziva ezo ngalo zomeleleyo zimxhasa

njengokuba eziyekelela ukuba awele ngasemva phakathi equleni, weva ilizwi likaMarcus endlebeni yakhe, — 'Ndiyakubhaptiza eGameni likaYesu,' — abe amanzi abandayo emgubungela wonke."

Oko kwabanjalo ke yade yalahleka inyaniso (ayabe ibuye ke kwade kwasesi sigaba sokugqibela — oku kuvela eNicaea ekuthwaseni kwale nkulungwane) babebhaptiza eGameni leNkosi uYesu Kristu. Kodwa lubuyile. USathana akanakusixinzelela isityhilelo xa uMoya afuna ukusinikezela.

Ewe, ukuba ooThixo bebebathathu, ngokuphandle ubunokubhaptizela uYise, noNyana, kwanoMoya Oyingcwele. Kodwa ISITYHILELO ESANIKWA UYOHANE yayisesokuba kukho UTHIXO OMNYE iGama laKhe ke yiNKOSI UYESU KRISTU, yaye ubhaptizela uThixo OMNYE yaye mnye kuphela. Yiloo nto uPetrosi wabhaptiza ngalaa ndlela wenza ngayo ngePentekoste. Kwakufuneka anyaniseke kwisityhilelo esasisesi, "Ngoko mayazi ngokuqinisekileyo yonke indlu kaSirayeli, ukuba uThixo wamenza KOKUBINI INKOSI NOKRISTU, KWAYENA LOYESU, naMbethelelayo emnqamlezweni nina." NaNko ke, "INKOSI UYESU KRISTU."

Ukuba uYesu ukuko "KOKUBINI" iNkosi noKristu, ngoko Yena (UYesu) unguye, engenakuba nguwumbi kodwa "nguYise, Nyana, noMoya Oyingcwele" kwisiqu ESINYE ebonakaliswe esenyameni. AKAnguyanga "UThixo kwiziqu ezithathu, umtriniti ozukekileyo," kodwa NGUTHIXO OMNYE, ISIQU ESINYE esinezihloko eziphambili ezithathu, ezinezikhundla ezithathu ezibonakalisa ezo zihloko. Yiva kwakhona. Kwayena loYesu "IKWANGUYE iNkosi noKristu. INkosi (uYise) noKristu (uMoya Oyingcwele) banguYesu, kuba Yena (uYesu) ukwangabo BOBABINI (INkosi noKristu).

Ukuba oko akusibonisi isityhilelo esiyinyaniso seNtlokobuthixo, akukho nto inokuze ibe nako. INkosi ASINGUYE omnye; uKristu ASINGUYE omnye. Lo Yesu yiNkosi uYesu Kristu — UTHIXO OMNYE.

UFiliphu ngenye imini wathi kuYesu, "Nkosi, sibonise uYihlo kosanelisa." UYesu wathi kuye, "Ndinaxesha lingakanana ndinani nje, akukaNdazi na? Lowo undibonileyo

Mna umbonile uBawo, ngoko utsho ngani na ukuthi, Sibonise uYihlo? Mna noBawo siBanye." Ndakhe ndacaphula oko ngaxesha lithile lathi elinye inenekazi, "Umzuzwana nje, Mnu. Branham, wena nenkosikazi yakho nibanye." Ndathi, "Hayi olo hlobo."

Lathi, "Andiva?"

Ngoko ndathi kulo, "Uyandibona?"

Lathi, "Ewe."

Ndathi, "Uyayibona inkosikazi yam?"

Lathi, "Hayi."

Ndathi, "Ngoko olo hlobo lobunye lolwahlukileyo, kuba Wathi, 'Xa undibona Mna, ubona uBawo.'"

Wathi umprofethi kuyakubakho ukukhanya ngexa langokuhlwa. Eculweni kubhaliwe:

Kuyakubakho ukukhanya ngexa langokuhlwa,
Indlela eya ebuqaqawulini inene niyakuyifumana,
Endleleni yamanzi, kukukhanya kwanamhlanje oko,
Singcwatywe eGameni elinexabiso likaYesu.
Lutsha nani badala, guqukani kwizono zenu zonke,
uMoya Oyingcwele uyakungena ngokuqinisekileyo.
Ukukhanya kwangokuhlwa kufikile,
Yinyaniso ukuba uThixo noKristu banye.

Kungekudala kakhulu ndikhe ndathetha noRabi womJuda. Wathi kum, "Nina ziNtlanga aninakumsika abe ngamaceba amathathu uThixo nize nimnike iJuda. Sazi ngcono kunoko."

Ndathi kuye, "Yiloo nto kanye ke, Rabi, asimsiki abe maceba mathathu uThixo. Uyakholwa kubaprofethi, akunjalo?"

Wathi, "Ngokuqinisekileyo ndiyakholwa."

"Uyamkholwa ulsaya 9:6?"

"Ewe."

"Ngubani lo wayethetha ngaye umprofethi?"

"NguMesiya."

Ndathi, "Kunxulumana kuni ayakuba nako uMesiya noThixo?"

Wathi, "Uyakuba nguThixo."

Ndathi, "Yinyaniso leyo." Amen.

Awunakumbeka kwiziqu ezithathu uThixo okanye amacandelo amathathu. Awunakuxelela umJuda ukuba kukho uYise, noNyana, noMoya Oyingcwele. Uyakukuxelela ngokukhawuleza okugqithileyo apho yavela khona loo ngcamango. AmaJuda ayazi ukuba loo mfundiso yamiselwa kwiBhunga laseNicene. Akumangalisi ukuba basicalule njengabahedeni.

Sithetha ngoThixo apha ongaguqugugukiyo. AmaJuda akholwa loo nto nawo. Kodwa ibandla lamguqula uThixo walo ongaguqukiyo limsusa EBUNYENI ukuya EBUTHATHWINI. Kodwa ukukhanya kuyabuya ngexa langokuhlwa. *Ikhwankqisa njani into yokuba le nyaniso ifike ngexesha apho amaJuda abuyela ePalestina*. UThixo noKristu BANYE. Lo Yesu UKWAYIYO INKOSI NOKRISTU.

UYohane waba nesityhilelo, yaye uYESU wayeseso Sityhilelo, waze Wavelisa Yena kanye apha eSibhalweni, — "NDINguLowo Wayekho, Lowo Ukhoyo naLowo Uzayo, uSomandla. Amen."

Ukuba esi sityhilelo singentla kunawe, khangela phezulu ufune uThixo ngaso. Yiloo ndlela kuphela oyakuze usifumane ngayo. Isityhilelo kufuneka sivele kuThixo. Asize sifike ngokunika komntu, nokwemvelo, kodwa kungokwamalungelo angawoMoya. Ungade usicengceleze iSibhalo, nangona loo nto imangalisa kangako, ayinakusenza. Kufuneka ibe sisityhilelo esivela kuThixo. Itsho phaya eLizwini ukuba akukho mntu unako ukuthi uYesu unguKristu kungengaMoya Oyingcwele. Kufuneka umamkele uMoya Oyingcwele ukuze, ukuze emva koko kuphela, uMoya abenako ukukunika isityhilelo sokuba uYesu unguKristu: UThixo, OnguMthanjiswa.

(Isuka ku-*Uphengululo lweziGaba eziSixhenxe zeBandla*)

Voice Of God Recordings, South Africa Office
P.O. Box 178, Somerset West, 7130 Cape Province, Republic Of South Africa

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org